## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

ÉcoleBooks

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: ISIHOBE** | | | |
| **Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.** | | | |
| 1. 'Umlambo' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'Ukwenziwa komkhonzi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 3. 'Inyibiba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| 4. 'Ingoma kaVelaphi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Ubuhle Obugqibeleleyo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |
| **QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. | | | |
| **ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 6. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| 7. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 15 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 15 |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| **ICANDELO C: IDRAMA** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 22 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 22 |
| 16. *Indlal'inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 25 |
| 17. *Indlal'inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 25 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli/Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** | KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA*– B Ngombane**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

ÉcoleBooks

**UMLAMBO – JJR Jolobe**

Mna ndingumntwanana
Wesibhakabhaka.
Ikhaya likwelaa zulu liluhlaza.
Ndandihamba-hamba
Ngenqwelo yomoya,
Ndinxib' ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa.

Ke ndondel' ezantsi,
Ndanqwenel' ilizwe,
Ndavatha iingubo ezizezozilo.
Ndaza ke ndacanda
Isibhakabhaka,
Ndimenyezela njengombethe qhwa.

Ndaza ke ndawela
Phezu kwalo mhlaba
Udaka nothuli olungcolisayo.
Suka ke ndangcola,
Ndambi njengodaka;
Ndehlel' ebumnyameni ngaphantsi phaya
..................................................



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



Olu hambo lungaba
Lulula na lonke?
Akukho zinzima zihlungisa umxhelo?
Ndibetheka nzima
Ezingxangxasini,
Nalapha ke ndihleke ndigigitheke.
......................................................
Andiphelel'apho
Yakuphel'ihambo;
Ndibuya ndinyuke ndigoduke kambe.
Mna ndingumntwanana
Wesibhakabhaka.
Ikhaya lam likwelaa zulu liluhlaza.

Cazulula kwisitanza ngasinye isigama esibonisa isiqalo nesiphelo somlambo kwesi sicatshulwa sombongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UKWENZIWA KOMKHONZI – JJR Jolobe**

**……………………………………………….**
Ime bhuxe kudinwa kungekho luvelwano,
Yasitsho esikrakra isililo ibhonga,
Kunyenyiswe kancinci ukuba iphefumle
Kwabuya kwaqiniswa ibulawa umoya
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

Ndiyibone mva seyaqobozeka, yathamba
Itsal'umbaxa-mbini wekhuba etshoniswe
Waphelela ikhonza, ikhefuzela igcuma.
Ukufa kukuqhutywa, impilo kuzenzela
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

Ndiyibone inyuka iminqantsa, yomendo
Ithwele imithwalo enzima ixelenga,
**Iludaka kubila** ingenisela omnye,
Incasa yomsebenzi yinxaxheba kuvuno
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

Ndiyibon'ilambile ngaphantsi kwaloo mbuso
Iliso iinyembezi umxhel' ujacekile,
Ibe ingasakwazi nokuchasa imbuna.
Ithemba yimigudu ezond'inkululeko
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

2.1 Inika ntsingiselo ni kulo mbongo imiqolo emibini ephindiweyo ekupheleni kwesitanza ngasinye? (2)

2.2 Chaza ukuba ludalwe njani undindwano kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

2.3 Uphuhlisa ntoni umfanekiso ntelekelelo obhalwe ngqindilili kumqolo we-15? (2)

2.4 Caphula amabinzana amaBINI avelisa ukuvakalelwa kabuhlungu kwisitanza sesi-4. (2)

2.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. (2)
**[10]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INYIBIBA – JJR Jolobe**

Ndayibona izifihla
Enqaben'ezixhotyeni,
Ngaphakathi kwamalwalwa
Amabini, iqaqambile
Hayi, obo buhle!

Izityalo ezithile
Zaye zimi zijikele;
Yayiphakamisa leyo
Ntloko yayo imhlophe-mthubi,
Njengetshawekazi.
…………………………………
Ndabona loo nzwakazi.
**Ndev'izisebesebezo**
Emazants'obume bami,
Zindityel'ukuthi yeyam,
Phofu ingeyiy'ubuhle
Bonk'obunjengayo.

3.1 Zinika ntsingiselo ni izihlomelo zendawo ezalekiweyo kumqolo wesi-2? (2)

3.2 Chaza ukuba ludalwe njani undindwano kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

3.3 Uphuhlisa ntoni umfanekiso ntelekelelo okumqolo we-12? (2)

3.4 Caphula kwisitanza sesi-3 amabinzana okanye imiqolo emiBINI evelisa ukuba imbongi yathabatheka bubuhle eyabubona kule nyibiba. (2)

3.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe**

Ndiyeza, ndiyeza sithandwa sam,
Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
Lwelizwe lobawo.
……………………………………
**Ezants'emgodini, sithandwa sam,**
Lingabonakali nelanga nezulu,
Ndiyeva ingoma yomxhelo, iphuma
Kowakho umlomo, undibiza, sithandwa,
Kwilizwe lobawo.
……………………………………
Indoda kaloku, sithandwa sam,
Imelwe kuphath'umhlakulo, nomfazi
Agcine intsapho, ukuze luzale
Olweth'ulonwabo, Nojenti sithandwa,
Kwilizwe lobawo.

ÉcoleBooks

4.1 Kunika ntsingiselo ni ukuphindwa kwebinzana, '... lizwe lobawo' ekupheleni kwesitanza ngasinye sesi sicatshulwa sombongo? (2)

4.2 Chaza ukuba ludalwe njani undindwano kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

4.3 Uphuhlisa ntoni umfanekiso ntelekelelo obhalwe ngqindilili kumqolo we-6? (2)

4.4 Caphula amabinzana amaBINI abonakalisa ukuba uVelaphi uyonwaba xa ecinga ngenkosikazi yakhe kwisitanza sesi-3. (2)

4.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. (2)

**[10]**

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UWUPHENDULE)

### UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UBUHLE OBUGQIBELELEYO – MG Mdliva**

Bubuhl'obumanz'andonga,
Bubuhl'obuqhol'umphefumlo.
Yincind'encas'imnandi engqondweni,
**Bubuyokoyoko** obuqholw'emphefumlweni.
Ngumthunzi wokuchwayitis'ingqondo,
Zingxangxas'ezimpompoz'ubunyulu.

Lulonwab'oluyolisa ingqondo,
Libhongo neqhayiya lentliziyo.
Sisihombo nebhongo lomphefumlo,
Sisithsaba nomfaneleko wekhaya.
Ngumzobo wokuchwayitis'intliziyo,
Ngumlonj'oyolis'ingqondo.
…………………………………………
Yinzwakazi ehlwabis'ingqondo,
Zisale zixokozel'iindonga zentliziyo.
Luncuth'oluncamis'umphemfumlo,
Libhotwe labegazi nezinanziba.
Yinqaba yeliso lomphefumlo nentliziyo,
Liyolisa lesiqalo nesiphelo kwiinkalo zobomi.

5.1 Sidalwe njani isingqisho kumqolo wokuqala nowesibini? (2)

5.2 Xela umfanekiso-ngqondweni ozotywa sisigama esibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-4. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.3 Tyhila ingcinga eziswa yinkcaza yobuhle ekumqolo we-11. (2)

5.4 Cacisa uvakalelo lwembongi ngobu buhle ithetha ngabo kwimiqolo 13–14. (2)

5.5 Ngqina ukuba isihloko salo mbongo siyangqinelana nomongo wawo. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE nakuNcwadi Lwemveli, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Ngqina uzixhase ukuba inoveli ethi, 'Inkawu idliw'ilila' iyinoveli engolwaphulo-mthetho.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

ÉcoleBooks

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Waya ecima ngokucima engqondweni yakhe uThantaswa noHlengiwe akuba edibene noZintle owayebonakalisa ukukhathala ngale nyewe yabo ngalo lonke ixesha.
Emva kokuhotiswa emzini wakhe, uThantaswa nomyeni wakhe babuyela elokishini eVuli Valley. 'Oko ide yadlula le nto yalo mtshato! Kukho into engathi ithe xibilili apha emagxeni am,' watsho uMsindisi. Wayegqiba ukwamkela iglasi yesiselo enkosikazini yakhe. 'Ungabi satsho, sithandwa sam!' watsho uThantaswa esithi vu ehlala esofeni ethe qhiwu iifoto zabo zomtshato. 'Ndisandula ukufumana ifowuni kaMpumi ethi **usinqwenelela ubomi obuyokozela ngamathamsanqa emtshatweni *wethu***. Ukwancoma nobuhle bomtshato *wethu.* Uthe simboleke elaa cwecwana leDVD lomtshato *wethu* xa sigqiba ukulibukela,' watsho esithi qhuzu qhuzu ehleka uMsindisi.

'Abahlobo bokwenene babonakala ngokuzikhathaza nangokuncoma ubuhle,' watsho uThantaswa owayesele azisiwe apha kuNompumelelo ngumyeni wakhe. Kaloku uNompumelelo wayengapheli kwaYangaphi phambi kokuba esi sibini sitshate, de loo nto yabangela ukuba uThantaswa avukwe sisifo samagxa. Mini waziswa kuThantaswa uNompumelelo babedibene edolophini.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



'Ungafane uxhale wena Thanti kuba uBhuti Jikijwa ngumhlobo wam omdala,' watsho uNompumelelo njengoko uMsindisi wayebizwa njalo ngabamaziyo. Ukuba bekukho into esiyiqhubayo wayengekhe alifumane ithuba lokubona wena. Into endiza kuyenza ngoku kukusuka ndibe liliso lakho apha kuye. Ekwazise kum nje uzinakile!

7.1 Ingaba wazaliseka umnqweno kaMpumi obhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2 Kubethelela luvo luni ngomoya kaThantaswa noMsindisi ukuphindaphindwa kwesimnini 'wethu' kwimigca yesi-8–10? (2)

7.3 Chaza igalelo lokuthanda imali kukaThantaswa kulwaphulomthetho olukule noveli. (2)

7.4 Ingaba uMsindisi udlale indima yokuba ngumsindisi kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.5 Cacisa ukuba ukusetyenziswa kwefowuni kuluqhubele phambili njani ulwaphulomthetho kule noveli. (2)

7.6 Xela ukuba sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. (1)

7.7 Chaza ukuba uzifake njani engxakini uMsindisi ngokwazisa uThantaswa kuNompumelelo. (2)

**ISICATSHULWA B**

Wothuka kusasa uNontsikelelo wakroba ngefestile kulaa ndawo ibinomkhukhu. Wafika uSiphongo exakeke ngeyona ndlela enyhala uthuthu eziplastikini ezimnyama ezinkulu. Iveni yakhe yayize ngomva kuloo ndawo. Zazikho nezinye iiplastiki esele zilayishiwe. Kaloku wafika uSiphongo kuloo ndawo kukho ugodo lwesidumbu esitshe saluthuthu. Wasifaka unyawo, wasiqusha ngamaquza ethukisela, emva koko wawawola amathambo aso amnyama wawafaka engxoweni yeplastiki, nayiphose kuqala yona evenini yakhe.

Wathi uMfuneko owayelele kwaThantaswa akufowunela uSiphongo ngaloo ntsasa, waxelelwa ukuba umcimbi wakhe uqhutywe ngaphandle kwesiphazamiso, kwaye kulaa ndawo ibinelaa nqugwala uzama ukuhloma elinye ngokukhawuleza. Ezi ndaba zamtshisa esifubeni umfana kaMnenga watsho ezidlulisela kuThantaswa zisaqhuma.

'UMfezeko Mapheza uluthuthu eluthuthwini ndithetha nawe nje ngoku Thanti. Akukho nesicwilana senyama yakhe esalele kuleya ndawo atshiselwe kuyo. Izalamane zakhe ukuba ziyamfuna ziya kumfumana engumlotha etiphini enkulu,' watsho ehleka uMfuneko.

'Yhu! Oko ide yadlula le ndebe Mfuno, ndakutsho ndilale ubuthongo obuhlayo ke ngoku,' watsho emphuza uThantaswa owayevuya ngathi ubambe izigidigidi zemali.

'Ngokuqinisekileyo, eli tyala likaYangaphi liza kuphelela emoyeni lixelise eliya likaMpumi,' wagweba ngelitshoyo uMfuneko. 'Nantso ke mna into endiyifunayo! Mfuneko, sithandwa sam, andazi ukuba ndingakubulela ngantoni na. **Undothule umthwalo**, mf'ethu.

7.8 Lizisa ntsingiselo ni ibinzana elinomgca ngaphantsi ngokwesi sicatshulwa? (2)

7.9 Nika iimpawu zibeMBINI ezibonisa ukuba esi sicatshulwa seseNoveli. (2)

7.10 Ucinga ukuba unaluvo luni umbhali ngamaxhwele kwesi sicatshulwa senoveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.11 Xela igama lesafobe esibhalwe ngqindilili uze utyhile intsingiselo yaso kule noveli. (2)

7.12 Ingaba isiphelo sikaMapheza kule noveli sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.13 Nika imfundiso yale noveli. (2)
**[25]**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Ngqina uzixhase ukuba inoveli ethi,'Nyana Wam Nyana Wam' iyinoveli engentlalo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

... abanye iinkomo zabo bezihlala zingazali, zitsho zazala bakusebenzisa amayeza akhe; bambi kutsho kwaphela namaphupha amabi ababewaphupha namaphupha awayengacaci atsho acaca.

Yathi iphela inyanga yeDwarha waye eziqonda uThole ukuba umi kakuhle ngasemalini, elihlanganisile ikhulu leeponti efutshanise kakhulu kwelesibini. Kwakungemali yodwa into awayenayo kwelo lizwe lasemzini, wayeselethanda ukuba ngofuyileyo kuba abanye abantu awayebanyanga babehlawula ngempahla ehambayo. Nangenkangeleko ebusweni kwelo lamarhanuga wayekhangeleka onwabile kodwa ngaphakathi wayengazanga walubona ulonwabo ukususela okokoko wathi wazibona eseBhayi engazi, ngenxa yesimanga sotywala. Enye into eyayimphethe kakubi ngamaphupha akhe **emihla ngemihla**, iphupha lomfo onomnqwazi wameva, elikaFikizolo, uMaNtuli, uNofundile noThozama lalisisithukuthezi kuye, lamtsho akaze onwabe, wathi endaweni yokuba atyebe ngenxa yokuvuma komsebenzi waya ebhitya ngokubhitya. Ngenye imini kusasa ngeCawa, ebengakhanga alale buthongo bumnandi ngenxa yaloo maphupha akhe **emihla ngemihla**, wacinga ukukhe aphumele emaphandleni yedwa ngethemba lokuba angathi abone okunokuthi kumenze alibale loo maphupha. Ngokuhambahamba waya kugqitha ndlwini ithile yeCawa xa ekude kufuphi kuloo ndlu watsalwa yingoma emnandi eyayivunywa apho wathi makakhe ajike angene. Uthe xa aza kungena yayeka ingoma, lwavalwa ucango, wafunda isifundo umshumayeli. 'Ndiya kusuka ndiye kubawo, ndithi kuye, Bawo ndonile kuwo amazulu nasemehlweni akho ...'

9.1 Ingaba wasinda yena uThole kula maphupha mabi wayewaphelisa kubantu baseKnysna? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.2 Kubethelela luvo luni ngovakalelo lukaThole ukuphindaphindwa kwamabinzana abhalwe ngqindilili? (2)

9.3 Chaza igalelo lesi simanga sotywala kwiinjongo zikaThole zobom. (2)

9.4 Ingaba uMangaliso udlale indima yokuba ngummangaliso kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.5 Cacisa indlela ubudala bukaThole nooThemba ngokweminyaka obuchaphazele ngayo isigqibo sikaThole sokuba abe ngumfundisi kule noveli. (2)

9.6 Xela ukuba sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. (1)

9.7 Chaza ukona akwenzileyo uThole emehlweni kayise nasemazulwini ukuze ahlatywe leli lizwi. (2)

**ISICATSHULWA D**

Emzuzwini kuphithizela yavela inqwelo yomoya ikhasa phantsi ilungiselela ukuwunyathela umhlaba ihlanze okuphakathi. Yathi isathi gqi elundini waye selethabathisela umntu ukukhwaza kwacaca zisuka ukuba ababuthathaka akungangabo, ukuba abalumkanga kuya kunyathelwa phezu kwabo. Yathi ukuba ime kuvele umdaka onethambo elimhlophe entanyeni kuloo nyambalala yabaMhlophe yayisihla kuloo nqwelo wanga wonke umntu unogezo. Yakha yathi enye inkcuba-buchopho yesithethi *(psychologist),* wonke umntu noxa ekhangeleka ngathi uphilile unaso isifo sempambano koko kushiyana amabakala aso esi sifo. Ukuba wawukho eJan Smuts Airport ngale mini ngowawuyingqinile le nto. Xa ndithi wonke umntu ke, andikhethi bala. Nene nene ukuba ufuna ukumbona nawuphi na umntu ukuba uphambene mqaphele evuyile naxa esemsindweni.

Wathi ukuba ehle samhlangabeza isifundisi esasimi kude kufuphi nenqwelo awayesihla kuyo, wayelapho nomfundisi uMaqoma esuke eNxukhwebe ukuze abe ngowokuqala ukumbona unyana wakhe. Babonakala abefundisi besothula iminqwazi bekhahlela beyithi chu ngezandla zokhohlo besolula ezokunene bemxhawula ngabanye bezazisa. Wathi ukuba afike kuMfundisi uMaqoma bawolana bagonana umzuzu. Kuthe ukuba kugqitywe loo mbuliso, bamfunqula bamphakamisa bemjongisa ebantwini. Bahlokoma abantu bephephezelisa iiqhiya zabo bebulisa bekhwaza besithi, 'Yizani naye, nathi siyafuna ukumxhawula.'
Wathi akulibona **elo lifu leeqhiya** liphephezela naye wakhupha eyakhe ebulisa ...

9.8 Lizisa ntsingiselo ni ibinzana elinomgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa? (2)

9.9 Nika iimpawu zibeMBINI ezibonisa ukuba esi sicatshulwa sesenoveli. (2)

9.10 Ucinga ukuba unaluvo luni umbhali ngabefundisi kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.11 Xela igama lesafobe esibhalwe ngqindilili uze unike intsingiselo yaso kwesi sicatshulwa. (2)

9.12 Ingaba isiphelo sikaThemba kule noveli sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.13 Nika imfundiso yale noveli. (2)
**[25]**


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Ngqina uzixhase ukuba inoveli ethi, 'Ukhozi Olumaphiko' iyinoveli engopolitiko.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

Nobuso obu bam ndandisele ndibujije njengeengalo zalo mbulali, ndikekelise intamo njengale yakhe ndandiyikrukra kumfanekiso endandinawo engqondweni. Ndandinomsindo! Ndiqabuke sendiphuma apha elokishini ukuba tyhini ndidlule ekhaya.

**Ndingathini ukudlula ekhaya khona sekwatshiwo?** Ekhaya ndingaya nokuba ndivalwe amehlo. Ndajika noko ngoku iingqondo sezibuyile. Tyhini, ngenene ndandifanele ukudlula ekhaya, kwakungekho ndlu. Itshe yaluthuthu. Ndadlula kancinci ndingafuni kukholelwa. Kwakutshe yonke into, udonga lulele bhuma phantsi. Hayi ndiyaphazama, ndaba nento etshoyo. Ndaqala ndabheka bheka. Makube ndiyaphupha. Itshilo ingqondo yam ndakubona ukuba zikho zonke ezabamelwane zona izindlu. Cwaka, akwabikho namntu lo uvelayo, bendingakhange ndadibana naye namntu phofu ekuzeni kwam. Likhaya lam eli litshe laluthuthu. Bekutheni?

Ndasondela. Kwakukho inja eyayize ngomva kweliya cala, kulaa ndawo yayisakuba ligumbi lokuphekela, kucaca ukuba inento eyiphandayo, imana ukuphakamisa intloko. Kancinci ndasondela, ndachola ilityana ndayigibisela, mpu ezimbanjeni, yothuka yakhwina yenza umtsi wamnye ukuya kuphumela ethubeni koluya cingo lungasemva lwakwammelwane. Yinja yaphi bethu? Ndema nematha.

'Mfazwe mfo wam.' Ndandilazi elo lizwi lirhabaxa lalisitsho emva kwam, ndingakhange ndizive izingqi zokuza komninilo, ixhego lasemaNgqosinini, uTata'uGaba owayehlala apha phambi kwasekhaya.
Ndajika kancinci ndamjonga uTat'uGaba, ndafika endijongile, wandijonga engathethi, ndamjonga, wasuka wathi cwaka.

11.1 Ingaba inja yayigqibelisa ukumvelela uMfazwe kwiingxaki zakhe ezikule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.2 Ubethelela luvo luni ngovakalelo lukaMfazwe umbuzo obhalwe ngqindilili? (2)

11.3 Chaza igalelo loku kutsha kwekhaya likaMfazwe kubomi bakhe. (2)

11.4 Ingaba uMfundisi uHlathi udlale indima yokuba lihlathi kuMfazwe kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.5 Cacisa ukuba ukusetyenziswa kwemoto kuwuqhubele phambili njani umxholwana wokubhaca kule noveli. (2)

11.6 Xela ukuba sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. (1)

11.7 Chaza le nto kwathi kanti litshiselwa yona ikhaya likaMfazwe. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

Ngale mini yokumka kooNyama, ndayazi nje into yokuba asisoze singaxabani. Ndaya kuvula oluya fele lwam lomzingeli, ndazithi tshwe tshwe ngamafutha apha phezu kwamashiyi, ezandleni nasezinyaweni. Olu fele kuzo zonke izinto endandinazo, yayilulo olwalusasele kwendandifike nazo. Okuyimali kona ndahlukana nako mini ndenzakala. Eliya rhinkcela lomfo endandimaphule imihlathi, ndaqabuka ingqondo emva kokwenzakala <u>lingasabonakali ndawo</u>. Ndiyabona ukuba ufele olu lwasindiswa yinto yokuba impi le yayingayazi ukuba lolokwenza ntoni na.

'Olu fele lufunyenwe emzimbeni wakho, lolwantoni?' Wabuza loo nto uNtshebe mini walubuyisela kum. Impendulo yam yokuba akazi na ukuba ndingumntu omhlophe, yaba ngathi imanyelwe sisithulu.
Alizange litshone ke elalo mini zahlangana izinto ezinkulu. UKhonjwayo umi kwinto yokuba makutshintshwe ixesha lokuya kuthintela abavukeli-mbuso, lingabi lilixa leshumi ebusuku koko ibe yintsimbi yeshumi elinambini.
'Jonga Siqhwala, mna andizi kuva ngawe andizizo eziya zibhanxa zakho uNyama noNtshebe.'
'Balungile kaloku xa bezizibhanxa zam, kodwa ke mfondini eli xesha ulibekayo lisemva kakhulu. Ukuba kukhe kwemkiwa apha ngeyeshumi elinambini **kuya kufana nokuvala isibaya amathole sele etsibile.**'
'Phambi kokuba siqhubele mgama, khawundiphe isizathu sokuba ukhethe eli xesha?' Obu bugqwetha bakho akuzi kubulola apha kum. Andizi kuphendula imibuzo yakho.

11.8 Lizisa ntsingiselo ni ibinzana elinomgca ngaphantsi ngokwesi sicatshulwa? (2)

11.9 Xela iimpawu zibeMBINI ezibonisa ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwiNoveli. (2)

11.10 Ucinga ukuba umbhali unaluvo luni ngamaxhwele kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.11 Xela igama lesafobe esibhalwe ngqindilili uze unike intsingiselo yaso ngokwesi sicatshulwa. (2)

11.12 Ingaba isiphelo sikaMfazwe sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.13 Nika imfundiso yale noveli. (2)
**[25]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UNCWADI LWEMVELI

### UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Ngqina uzixhase ukuba 'Intsomi yolovane' yintsomi engemvelaphi yezinto zasendalweni kwaye isibongo esithi, 'Enkosi Steve Biko' sisibongo esingeqhawe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**IMFENE NODYAKALASHE**

..........................................................................................................................

Uthe xa aqala ukuluma kweyokuqala inkuku weva uDyakalashe ekhala ezibhija, 'Nceda, nceda Mvolufu uye kundikhangelela elaa gqabi ndiyafa sisisu,' akabi salibazisa uMvolufu wasombela isinqe ukuya kulaa mthi ebewalathisiwe. Wakha igqabi weza nalo. Ufike uDyakalashe selezibika ukuba bhetele. Iinkuku ezigcadiweyo azisanuki ndawo. UDyakalashe ushiyeke eziqoshelisa okuya uMvolufu asukele igqabi. Bagoduka exakanisekile uMvolufu.

UDyakalashe ucele uMfene kwithuba elilandelayo. Akuvuma uMfene uDyakalashe umcebise ukuba angazihluphi ngokwenza umphako omnandi, maze aphathe nje nokuba ziinkobe. Wavuma uMfene kodwa uDyakalashe akufika kwakhe wazenzela ongayiwayo umphako, inyama, isonka namasi kwanje. Njengezolo uDyaki uzenzele omnandi kunene umphako. Banduluka ngexesha ababenqophisene ngalo, ingulowo exwaye ingxowa yomphako.

Bakufika phezu komlambo baqhala imiphako. Wothuka uDyakalashe akubona ukutya kukaMfene. Uthe uDyakalashe, 'Uyabona Mfene ukuba ndikhe ndalunywa sisisu phaya ebukhweni uze undikhelele eli gqabi lalo mthi.' Wavuma uMfene.

Uthe uDyakalashe esajonge kwelinye icala uMfene waqhawula igqabi walifaka engxoweni yakhe. Bakugqiba ukutya basela amanzi bahamba. Ebukhweni bavuyelwa kakhulu balungiselelwa isidlo. Njengoko uMfene eqala ukubonwa waphakelwa iinkuku zambini waza uDyakalashe, obeqheliwe apha, waphakelwa yanye.

Kwaziswa ukutya kubayeni. Waphanga uDyakalashe wakugqiba okwakhe lo gama uMfene athe chu. Kwangoko wakhala ngesisu uDyakalashe ezibhija, **'Mfene, nceda uye kundikhelela elaa gqabi, ndafa sisisu'. UMfene wafaka isandla engxoweni, rhuthu igqabi walinika uDyakalashe.** Laba liwa phantsi icebo likaDyakalashe. Bagoduka, uDyakalashe sele ehleka intsinimenyo encoma uMfene ubulumko bakhe. Phela-phela ngantsomi.

| | | |
|---|---|---|
| 13.1 | Nika intsingiselo yesaci esinomgca ngaphantsi. | (2) |
| 13.2 | Kutyhila ntoni ukwaphula esi sivumelwano ngobudlelwane obabuphakathi kukaMfene noDyakalashe? | (2) |
| 13.3 | Nika iimpawu zibeMBINI ezibonakalisa ukuba eli bali yintsomi. | (2) |
| 13.4 | Chaza igalelo leli cebo likaDyakalashe lokusebenzisa igqabi ekukhuliseni umyalezo wale ntsomi. | (2) |
| 13.5 | Xela isimo sikaDyakalashe kule ntsomi. Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 13.6 | Cacisa indlela awusebenzise ngayo umbalisi umphako ukuchitha amaqhinga kaDyakalashe. | (2) |
| 13.7 | Xela ukuba isiganeko esibhalwe ngqindilili sikweliphi inqanaba lesakhiwo sentsomi. | (1) |
| 13.8 | Ingaba isiphelo sale ntsomi sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. | (2) |

**ISICATSHULWA H**

**INTABA KANDODA-INTABA YODUMO YAMARHARHABE – LS Ngcangatha**

Ngxatsho-o-o-o ke, mzi wasemaXhoseni!
Ngxatsho-o-o-o-ke, hlanga lakwaluhlanga!
Ndithetha nani, zidwesha namagqiyakazi.
Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthinjana.

Yintaba kaNdoda intaba yeentaba.
Yintab'echoph' isondel'ezulwini.
Yintab'ezinyaswe ngamahlath' akwaHoho,
Inge ithozamil'ukuthandazel'imvula.

...............................................................
Baberhaxwa livumba lezidumbu zabo bafi.
Ndithi kwaba seso sankqanga sefuqasi.
Ahlal'amathambo, eding'abangcwabi,
Kungekho xesha lakufihla, kumaxhaphetshu.

Kwigcudwana lamaLawu awasinda ngokulambisa,
URharhabe wadal'uxolo nocwangco, kwaxolelwana.
Wananisa ngeenkomo ukuze azuz'umhlaba
Kwinzwakaz' eyayilawula, igama nguHoho.

Yintab'eyankcenkceshelwa ngegazi lamagorha
Awe kwimfazwe engenakulibalek' ezingqondweni.
Ngamagorh'awazenz'idini ngenxa yokuyithanda,
Le ntab'esisimakade, iNtaba kaNdoda.

Siya kuhlala siyizukisa le ntaba.
Siya kusoloko siqwanya sijong'encotsheni yayo.
UMdali makolul'isandla sokunene ayiphulule,
Ukuze imishologu namashwangusha ayityeshele.
Makube njalo!


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


13.9 Nika umsebenzi wemiqolo EMIBINI yokuqala kwisitanza soku-1. (1)

13.10 Tyhila umfanekiso ntelekelelo okumqolo we-9. (2)

13.11 Xela okuqaqanjiswa libinzana 'Wananisa ngeenkomo' kumqolo we-15. (2)

13.12 Chaza ukuba kutheni imbongi isebenzisa isigama esikumqolo we-17. (2)

13.13 Caphula umqolo kwisitanza sokugqibela obonisa ukuba imbongi inayo inkolo. (1)

13.14 Nika umyalezo wesi sicatshulwa sesibongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ÉcoleBooks

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Uthando ludlale indima ephambili ekuphuhliseni impixano ekule drama. Xhasa olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

ÉcoleBooks

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Mfundisi musa ukundibuza, ugqiba ukundichazela ngokwakho. Akuziboni na ezi ngqimba zingaka zamafu zifukuka eNtshonalanga? **Ngenene limathumb'antaka**, akuxokwa. **Liza kududuma! Liza kududuma!** *(Uguqukela ebantwini).* Niza kulibona ngamehlo liduduma! Niza kuliva ngeendlebe liduduma! Mna sendiyaliva, **seliman'ukundila**! *(Uyazula phambi kwabantu)* **Limathumb'antaka**! Buzani kubawo! Buzani kubawo! Bawo! Bawo! Bawo! (*Liye linyuka ilizwi engathi uza kukhala)* Bawo! Bawo! Bawo! |
| UMFUNDISI: | Mayiphakame intlanganiso. Madoda mbambeni umfana nimse enqweleni. Uncede mzalwana Zwilakhe ushiyeke ndinebhunga nawe. *(Amadoda amathathu athwala uGugulethu. Abantu bayaphuma. UZwilakhe ushiyeka nomfundisi.)* |
| UMFUNDISI: | Mzalwana Zwilakhe khawutsho ziyintoni na ezi zinto? Lo 'Buzani kubawo'? |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



UZWILAKHE: Mfundisi le nto andiyazi, ndingasuka ndithi ziinto zabantwana beli xesha. Lo mfana asizange sivane kwamhla mnene ngale ntombi atshata nayo namhla; yena ufuna ukuzibonela umfazi mna ndimkhombisa le ntombi kaMcothama. Ke isuka apho yonke le nkathazo. Mna ndimnyanzele ukuba makenze le nto ifunwa ndim mna yise.

UMFUNDISI: O-o-o! Lo 'Buzani kubawo' usuka apho?

UZWILAKHE: Kunjalo mfundisi.

UMFUNDISI: Noko mzalwana wam ngathi wenze impazamo nemposiso enkulu; ngowumyekile umfana wathatha intombi ayithandileyo.

UZWILAKHE: Hayi mfundisi kuleyo yona into andifuni nokuva oku. Andingeze ndithi ndakugqiba ukuzala umntwana ajike andilawule, ndive ngaye; ndixolele mntu kaThixo kuloo ndawo.

15.1 Caphula isigama esityhila unkwintsho/uqhankqalazo kwintetho kaGugulethu ekwesi sicatshulwa. (2)

15.2 Chaza amatiletile enziwe nguMzamo ukunqanda esi sehlo sale mini ikwisicatshulwa. (2)

15.3 Nika ubungqina bokubakho kwempixano kwesi sicatshulwa. (2)

15.4 Cacisa igalelo lokutshatiswa kukaGugulethu ngale mini ikwisicatshulwa ekuqhubekeni phambili kwalo mdlalo. (2)

15.5 Nika injongo yokusetyenziswa kwamazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

15.6 Xela ukuba (a) ngubani othetha kwizalathisi zeqonga ezikwintetho kaGugulethu wandule (b) ukuxela ulwazi esilufumana kuzo. (2)

**ISICATSHULWA I**

UNYANISO: Hi mfondini uthi lo mfo uphilile nje? Sisibindi sini esi singaka anaso, **ukuthi sekuhle izinto ezingaka** kanti akanakho ukuyaleka?

UMTHETHO: Akanayo nento le uphile qete, nto nje wenza le nto kuthiwa kukuqina enyaleni. Kaloku uZwilakhe wanconywa esiva kwathiwa uneenkani. Akwazi ukuba umntu uyonakala kukunconywa esiva?

UNYANISO: Hayi mna noko le nto ndingxamele ukuyikrokrela ngathi ayiyodwa inelumbu phakathi.

UMTHETHO: Akukho lumbu lanto. Kodwa uya kusikhumbula ndifung'udadethu. Uthi kukh'umntu ongahlal'ahlale athumele umfazi endodeni ingamfuni, ngaphezulu ase abantwana ingengobayo kuyo? *Noko mna ndithi lo mfo uyamlinga lo mfana; nokuba ebesel'enentliziyo entle kanjani, angade angcole ngolu hlobo kuqhutywa ngalo.*

UNYANISO: <u>Enye into endibona ukuba iyamlahla umfo kabawo ngulo mfazi wakhe</u>.

UMTHETHO: Akusayiqondi wena ukuba kukho lo mfazi ngemva kwayo yonke le nto? Akukhumbuli ukuba ukhe wayithetha lo mfazi into yokuba xa uGugulethu angabuyiyo kufuneka umfazi wakhe eye kuye?

UNYANISO: Ndiyakhumbula, kwaye kuzalisekisa loo nto ngoku.

| | |
|---|---|
| UMTHETHO: | Ibe yingqondo enjani ke leyo? Kukho indoda engaya eliweni ilibona kuba ifuna ukukholisa umfazi? |
| UNYANISO: | Hayi Rhadebe akukho nto mfondini ndisajika, usale kakuhle. Khawundiyeke ngeento zakwaZwilakhe, mna ndiza kuzihlamba ezam izandla ndixele uZweni. |
| UMTHETHO: | Hayi Rhadebe ukholo lwakho Mthi malungabi lufutshane, ... |

15.7 Xela izinto zibeMBINI esele zehlile ngokwale ntetho kaNyaniso ibhalwe ngqindilili. (2)

15.8 Khankanya isiganeko asikrobisa kuso amazwi kaMthetho abhalwe bukekela. (2)

15.9 Cacisa ukuchaneka kwala mazwi kaNyaniso anomgca ngaphantsi ngokwale drama. (2)

15.10 Ngqina ukuba isimo sikaThobeka sokululama sikhokelele ekubeni abelixhoba lokufa. (2)

15.11 Ingaba le drama iyintlekele okanye yintlekele-siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

15.12 Nika umyalezo wale drama ngezenzo zabantu abaphantsi koxinzelelo lwengqondo. (2)
**[25]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

'Indlala idlale indima ephambili ukuphuhlisa impixano kule drama.' Xhasa olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA J

| | |
|---|---|
| SITHONGA: | NguKheneli Sibane omazela phi lo umfunayo? |
| SIQHIWU: | Andimazi. |
| SITHONGA: | Ubufuna ukumbona malunga nantoni umntu ongamaziyo nokumazi? |
| SIQHIWU: | UKheneli Sibane ndifuna ukumbona malunga nomcimbi obalulekileyo nendingenakuwuchaza komnye umntu. Kunyanzelekile ukuba lo mcimbi ndiwuchazele uKheneli Sibane ezimpondweni. |
| SITHONGA: | Asiyombeko leyo yokuba umntu omkhulu, ongamaziyo nokumazi, umcingele ukuba uneempondo. |
| SIQHIWU: | Owu Mhlekazi … |
| SITHONGA: | UKheneli Sibane akanazimpondo ke. Uza kumchazela phi ke? Khawutsho? |
| SIQHIWU: | **Mhlekazi torho** ndingxamile. Yintoni le imbi kangaka undenza yona? |
| SITHONGA: | UKheneli Sibane akunakumbona. UKheneli Sibane ngumntu omkhulu. |
| SIQHIWU: | Kufuneka ndithini ke ukuze ndibonane naye? |
| SITHONGA: | Into onokuyenza kukuxelela mna le ngxaki yakho, ndize mna ndiyidlulisele kuKheneli Sibane. |
| SIQHIWU: | Mhlekazi, le nto ilihlebo phakathi kwam noKheneli Sibane. |
| SITHONGA: | Besendiyivile ke leyo. Akukho mfuneko yokuba ude uyiphinda – phinde. Andisosithulu kaloku. Ndingakuqinisekisa kwelo cala. |
| SIQHIWU: | Sisimanga esi ndidibene naso namhlanje. |
| SITHONGA: | Ingathi uza kude undicaphukise kwedini. Kuya kufuneka ucele indlela kuselithuba. Asiyondawo yokunxilela le. |
| SIQHIWU: | Unokuba ungcono wena. Mhlawumbi uyayazi nencasa yabo obo tywala uthetha ngabo. Mna andizanga ndabufaka kulo wam umlomo. |
| SITHONGA: | Kwedini! Uyandithuka ngoku? |
| SIQHIWU: | Kanti wena ubundithuka ngokuya ubusithi ndinxilile? |
| SITHONGA: | Uyazi phofu ukuba ndingakuval'ubuso ngempama ngoku? Hhi kwedini? *(Kungena uKheneli Sibane)* |
| SIBANE: | Kwenzeka ntoni kule ofisi? |
| SITHONGA: | Kheneli! |
| SIBANE: | Ndithi Sithonga, yintoni na le iqhubeka kule ofisi? |

17.1 Caphula isigama esityhila unkwintsho/uqhankqalazo kwintetho kaSiqhiwu ekwesi sicatshulwa. (2)

17.2 Chaza amanye amatiletile enziwe nguSiqhiwu ukunqanda urhwaphilizo kwiiOfisi zikarhulumente. (2)

17.3 Nika ubungqina bokuba akukho mvisiswano kwizithethi ezikwesi sicatshulwa. (2)

17.4 Cacisa igalelo lengxabano ekwisicatshulwa ekuqhubekeni phambili kwalo mdlalo. (2)

17.5 Nika injongo yokusetyenziswa kwamazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

17.6 Xela ukuba (a) ngubani othetha kwizalathisi zeqonga ezikwisicatshulwa wandule (b) ukuxela ulwazi esilufumana kuzo. (2)

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| MAMQHINEBE: | MaGatyeni, uyandijoyina kule nto okanye akundijoyini? Ndifuna uhayi no-ewe qha. |
| MAGATYENI: | E … e … e hayi ... ewe, ngendiba ndiyavuma Qhinebe, kodwa intliziyo yam yona iyarhuqeka. |
| MAMQHINEBE: | Kungcono xa irhuqeka isiya. |
| MAGATYENI: | Hayi iyarhuqeka yona kakuhle, andifuni kuxoka, iyarhuqeka. |
| MAMQHINEBE: | Kodwa ke kufuneka uqaphele ukuba kufuneka isibindi kulo msebenzi. |
| MAGATYENI: | Yile nto ndiyisweleyo kanye ke leyo mna Qhinebe, eso sibindi uthetha ngaso. |
| MAMQHINEBE: | Imali kaloku Gatyeni, asiyoyamabhetye-bhetye. Uyandiphulaphula kodwa Gatyeni? |
| MAGATYENI: | Ngendiba ndiyakuva kona Qhinebe, kodwa ke … |
| MAMQHINEBE: | Kuza kufuneka siqalise ngomso lo usayo, singabi saphozisa maseko. |
| MAGATYENI: | O! Sekuqalwa kwangomso na? |
| MAMQHINEBE: | Sekuqalwa kwangomso ntomb'enkulu. Ndisemkile |
| MAGATYENI: | (*Ethetha yedwa*) Kwowu! Kazi ukuba isingisa phi na le ndlela andiqweqwedisela kuyo lo mfazi. Bawo onamandla onke? Uze undikhumbule Bawo xa ndiza kuhamba indlela endingazanga ndayiphupha nokuyiphupha aph'ebomini bam. Namhlanje ndiyalingwa Bawo. *Usathana uze ehamba ngeenyawo zombini endlwini yam wandiqweqwedisela kwantshabalalo, nam, ndamvumela*. Kodwa, Nkos'enofefe ndithembe amandla akho. Ndiyazi ukuba kungamandla akho endiya kuthi ndizibone ndiphuncukile kulo mgibe kamtyholi. (*Afixize*) bawo ndihlangule. Wena wabakho zingekabikho iinduli neentaba. Awuxakwa nto wena gxalaba libanzi lokuthwala izono zehlabathi. Ndihlangule Nkosi naku ndisoyela kulo mhadi ubunzulu bungenakuqikeleleka. Ndihlangule ndiyoyela kulo mgxobhozo kaMamQhinebe umanzi abilayo. UNAMANYALA kambe nawe NDLALANDINI. |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



17.7 Xela le nto afuna ukujoyinwa kuyo uMamQhinebe nguMaGatyeni. (2)

17.8 Khankanya isiganeko asikrobisa kuso amazwi kaMaGatyeni abhalwe bukekela. (2)

17.9 Cacisa ukuchaneka kwebinzana alisebenzisayo uMaGatyeni elithi 'kulo mgxobhozo kaMamQhinebe umanzi abilayo' kumxholo wale drama. (2)

17.10 Ngqina uzixhase ukuba isimo sikaMaGatyeni sobugwala sikhokelele ekubeni abelixhoba lokubanjwa. (2)

17.11 Ingaba le drama iyintlekele okanye yintlekele-siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

17.12 Nika umyalezo wale drama ngezenzo zabantu abaphantsi kweemeko zendlala. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**